

## ISISHWANKATHELO NGOKUBANZI

ICandelo leNkonzo yeeLwimi lizama kangangoko ukuqinisekisa ukusetyenziswa koMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni kusenziwa oko ngemisebenzi eyenziwa kwiYunithi yoGuqulelo, uHlelo noToliko kunye neYunithi yokuPhunyezwa koMgaqo-nkqubo weeLwimi. Lo mgaqo-nkqubo uqinisekisa ukuphatheka ngokulinganayo kweelwimi ezisemthethweni zeNtshona Koloni – isi-Afrikansi, isiNgesi nesiXhosa.

Eli candelo lizama ukuqinisekisa ukuba abemi baseNtshona Koloni bayakwazi ukufumana iinkonzo ngeelwimi abathanda ukuzifumana ngazo. Liphakamisa nezo lwimi bezisaya kuhleleleka ngaphambili kwakunye noLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika ngokuthi lenze iinkqubo zokwazisa neminye imisebenzi ukuze ziphakamise uphuhliso lwazo.

INkonzo yeeLwimi ithatha uxanduva lokulawula nokwenza imisebenzi yequmrhu loluntu – iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni – nokunika iinkonzo zokuxhasa iilwimi kumasebe kaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni.



## IYUNITHI YOGUQULELO, UHLELO NOTOLIKO

Le yunithi inika inkonzo yenkxaso yeelwimi kumasebe kaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni. Ezi nkonzo ziquka uguqulelo, uhlelo, uqwalaselo lokuhleliweyo, utolIko nophuhloso lwesigama. IYunithi yoGuqulelo, uHlelo noToliko ikwaqwalasela oku: 1) uvimba weenkcukacha zabahleli, abaguquleli neetoliki ezizisebenzelayo 2) kunye novimba weenkcukacha wesigama sesiXhosa ofumaneka kwiwebhusayithi yesebe.



## IYUNITHI YOPHUNYEZO LOMGAQO-NKQUBO WEELWIMI

### Ukunika inkxaso kwiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni

ISebe linika uncedo lolawulo nolwezimali kwiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni ngokoMthetho weeLwimi weNtshona Koloni, wama-1998 (uMthetho 13 wama-1998). ISebe lenza oku ngokuxhasa ulawulo olusukungekileyo lokuqinisekisa ukuba izimali ziyadluliselwa kwikomiti ukwenza imisebenzi yayo. IKomiti yenza indima ebalulekileyo ngokucebisa uMphathiswa ngemiba ebalulekileyo yeelwimi nokubek'esweni ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo weeLwimi wePhondo.

### Ukuqinisekisa umgangatho olinganayo weelwimi ezintathu zaseNtshona Koloni

### IForam yeeLwimi yePhondo leNtshona Koloni


IForam yeeLwimi yePhondo yasungulwa ngowe-2006 ukuncediza ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni. Iforam iqulethe ooSozilwimi abaqeshwe ngamasebe karhulumente kwakunye nooSozilwimi bakamasipala, abeNdlu yoWiso-Mthetho yePhondo kwakunye ne-Ofisi yeNtshona Koloni yeBhodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika (PanSALB).
Iforam ihlangana rhoqo ukuxoxa imiba yeelwimi echaphazela ooSozilwimi. Amalungu athatha inxaxheba kwiinkqubo zokuphuhlisa izakhono, ukuphuhlisa isigama nokufumana iindlela zokuhlangabezana nemingeni abajongene nayo.

### Izalathisi ezingeelwimi ezininzi ngenjongo zokuphakamisa ukuthethwa kweelwimi ezininzi

ICandelo leNkonzo yeeLwimi iphakamisa ukuthethwa nokusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngokuthi isebenzise iprojekthi eqhubekayo ukuphakamisa izalathisi ezilwimi ninzi kumasebe ahlukeneyo karhulumente. Le projekthi yenziwa ngamalungu eForam yePhondo leNtshona Koloni. USozilwimi ngamnye welo sebe uthatha uxanduva ukuqinisekisa ukuba le projekthi iyaphunyezwa.

### Indlela yokuziphatha emsebenzini ukuphakamisa ukulingana ngokweelwimi

ISebe leMicimbi yeNkcubeko nemeDlalo liyazinikela ekuphumezeni indlela yokuziphatha ngokweelwimi kwaye ijolise ekubeni le nkqubo iqhutywe kuwo onke amaSebe kaRhulumente weNtshona Koloni.



## Uphuhliso olusebenzayo lweelwimi zemveli ebezisaya kujongelwa phantsi ngaphambili

### Amaqela okufunda esiXhosa

ISebe liyakukhuthaza ukuphuhliswa kwenkqubo yokufunda eNtshona Kolini ngokuthi lisungule amaqela okufunda uncwadi. Le yenye yeendlela zokunqanda umngeni wokungakwazi ukufunda nokubhala. Intatho-nxaxheba yoluntu ekufundeni andile, kwaye amalungu okufunda aquka abafundi, abantu abadala nolutsha olungasebenziyo. ISebe lijolise ekuxhaseni uphuhliso ubuchule bokufunda nokubhala kuluntu apho wonke ubani anokuzuza kumathuba aziswa ngamaqela okufunda.

### Amaqela onxibelelwano oLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika

IYunithi yoPhumenyezo loMgaqo-nkqubo weeLwimi yenza uqeqesho namaqela onxibelelwano ngenjongo yokuxhasa uphuhliso loLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika. Umzekelo, kubanjwe iseshoni yoqeqesho yabazali, iimpelesi nootitshala babantwana abazizithulu.

### Iiprojekthi zolwimi lwesi-Nama

Kwiminyaka elishumi edlulileyo iSebe lizibandakanye kwiiprojekthi eziliqela zokuphuhlisa ulwimi lwesiNama. Igalelo elenziwe zezi projekthi liyahlolwa ukuze kuqwalaselwe ungenelelo elinokwenziwa kwixa elizayo kuphuhliso lweelwimi zemveli ebezijongelwe phantsi ngaphambili.

### I-alfabhethi esebenzisa uPelo ngeminwe kuLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika




# IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO

**UMlawuli oyiNtloko weNkonzo yeeLwimi:**
Quintus van der Merwe
Umnxeba: 021 483 9674
Ifeksi: 021 483 9673
I-imeyile: Quintus.VanDerMerwe@westerncape.gov.za

**IYunithi yoGuqulelo, uHlelo noToliko:**
Xolisa Tshongolo
Umnxeba: 021 483 9869
Ifeksi: 021 483 9675
I-imeyile: Xolisa.Tshongolo@westerncape.gov.za

**IYunithi yoPhunyezo loMgaqo-nkqubo weeLwimi:**
Pamella Ntlokwana
Umnxeba: 021 483 9847
Ifeksi: 021 483 9673
I-imeyile: Pamela.Ntlokwana@westerncape.gov.za

**IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni:**
Monique Coerecuis
Umnxeba: 021 483 9677
Ifeksi: 021 483 9673
I-imeyile: MoniqueCindy.Coerecuis@westerncape.gov.za

**Idilesi yesitrato:**
ISebe leMicimbi yeMkcubeko nemiDlalo loRhulumente weNtshona Koloni
Protea Assurance Building, Greenmarket Square
Cape Town
8001

**Idilesi yeposi:**
Private Bag X9067
Cape Town
8000

**Website: www.westerncape.gov.za**

**Twitter: http://twitter.com/#!/DCAS_WC_Gov**

URhulumente weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo
UBAMBISWANO NGAMANDLA.



## UBAMBISWANO NGAMANDLA NGOKWEZEELWIMI

**ISebe leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo lizibophelele ekuqinisekiseni impatho elinganayo kwisi-Afrikansi, isiNgesi nesiXhosa nokuphakamisa iilwimi ebezihlelelekile ngaphambili noLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika. Le misebenzi inegalelo kuthi ekubeni sibambisane ngamandla eNtshona Koloni.**

# INKONZO YEELWIMI
IMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo